



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NKANGA 2025

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
- | | |
|-------------|-------------------|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-30 |
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Ndancedwa ngumhlobo wam loo mini | [50] |
| 1.2 | linjongo zam emva kokufunda ibanga lematriki | [50] |
| 1.3 | Ukuba bendinokulibuyisela umva ixesha ... | [50] |
| 1.4 | Utshintsho olubalulekileyo endilwenzileyo | [50] |
| 1.5 | lindumasi kwezomculo zinefuthe elibi nelihle kulutsha | [50] |
| 1.6 | Abantwana abenza imidlalo ngabona baphumelelayo ezifundweni | [50] |

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7



[Uthatyathwe ku-www.pinterest.com]

[50]

1.8



Uthatyathwe ku-www.istockphoto.com

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umchazele ngohlobo lweshishini ofuna ukuliqala kulo nyaka uzayo.

[30]

2.2 ILETA ESESIKWENI

Bhala ileta eya kwinqununu yesikolo sakho uyichazele ngomfundi oxutha ukutya kwabanye abafundi ngexesha lekhefu.

[30]

2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhala inqaku lephephandaba 'Isolezwe', malunga nootsotsi abanyanzelisa ukunikwa imali yokhuseleko (*protection fee*) ukuze isikolo singaqhekezwa.

[30]

2.4 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo ephakathi komfundi notitshala malunga nokuthathwa kweeselfowuni zabafundi xa bezisebenzisa ngaphandle kwemvume eklasini.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 IFLAYA

Ungumsunguli (*developer*) we-ephu entsha yeziBalo. Bhala iflaya yokwazisa i-ephu yakho.

[20]


3.2 UMYALEZO OMFUTSHANE KA-WHATSAPP

Bhalela umhlobo wakho umyalezo omfutshane ka*WhatsApp* umkhumbuze ngezifundo zesiXhosa eziya kuba ngeMigqibelo esikolweni senu, umbonise ukubaluleka kwazo.

[20]

3.3 IZALATHISI

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka kwiphuli eya eYunivesithi. Landela iintolo ezisemephini.



[Uthatyathwe ku-ChatGPT waze wahlalwa]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100